

Apreli 2021

Impilo nempatho-ntle yabafazi

1. Yanga amakhosikazi ase Denmark angakuqonda ukuba ukukhathalela imizimba, neengqondo zawo ngokondleka ngokufanel-ekileyo, nokuphumla yinxalenye yokubona-kalisa ukuba ngumkhonzi othembekileyo yezipho zakho Bawo. (AmaRoma 12:1)
2. Bawo, siyazi ukuba amantombazana atshata esemancinane eBurundi ajongene nobunzima obuninzi kwimpilo nakwintla-lontle yabo. Yanga ubunyani koku kwenzaka-la (b)kungakufikelela kwiintliziyo zeenkokhe-li zenkcubeko ukuze kumiswe lo mkhwa ungalunganga. (Imizekeliso 21:1)
3. Ukongeza ulwazi ngempilo yomzimba neyoMoya, amakhosikazi amaninzi abuya kwiingingqi ezithe qelele zase Nepal afuma-na ubudlelwane bobuKristu ngeenkqubo ze Woman of Hope. Bomeleze ukuba bame beqinile elukholweni lwabo ngelizwi lakho. (kwabaseFilipi 4:1)
4. Bawo, nceda amakhosikazi angama-Krestu eAlbania ukuba agcine amehlo awo ejonge kuwe khonu'ukuze uloyiko olungenelelyo lwesifo esikhoyo elizweni jikelele i Covid 19 lungasuka ezingqondweni, nasezintliziyo zabo. Banike ukukhalipha ukuze balwabe ukholo lwabo nabo aban-galaziyo ithemba likaThixo. (Isaya 41:10)
5. Bawo, kuba amakhosikazi naman-tombazana aseKorea enemizimba eqheleki-leyo, acinga ukuba atyebile, azivimba ukutya ezilambisa, achaphazele kakubi imizimba neengqondo zawo. Bancede bazibone ngalendlela obabona ngayo, banqwenele ubuhle bangaphakathi. (1 Petros 3:3-4)
6. Siyakucela, Nkosi, ukuba unike iqela lethu lasePoland impilo, uxolo, ukuthemba-na, umonde, kunye namandla angaphezu kwendalo okulungiselela abasetyhini ngeli xesha lobhubhane. (Indumiso 29:11)
7. Bawo, yanga amakhosikazi ase Roma-nia anganomdla kwimpilo yawo yaseMoyeni njengokuba besenjalo kwimpilo yabo yasemzimbeni. Yanga iimpilo zabo zinga-hambisana kunye nawe bafumane ukuphumla kuwe. (Mateyu 11:28-30)
8. Bawo, sithandazela impiliso neentsikelelo kumakhosikazi azinkokheli zombutho we TWR Amanenekazi Ethemba eLiberia nakwezinye iindawo azinikela ngesisa bezinikela ukulungiselela abafazi ababangqongileyo ngegama likaYesu. (Luke 6:38)
9. Njengokuba amakhosikazi ase Finland ekhokhela indlela ebantwaneni babo, esuke-la imisebenzi, ejongana nemiceli mngeni emitshatweni futhi ekhathalela abazali abasele bebadala, bancede bakwazi ukuzi-susa kulemisebenzi yarhoqo, bafumane uxolo nokuphumla kuwe maxa onke. (AbaseFilipi 4:6-7)

10. Thixo, unguGqirha wethu omkhulu. Sicela uzise engqondweni nasemphefumleni impiliso kwaba balahlekelwe zizalamane zabo ngeemfazwe nongquzulwano. (Indumiso 147:2)

11. Bawo sicela uxolo kuwe ngokungahoyi isimo sempilo yemizimba nemiphefumlo yethu. Usibizele ukuphumla kuwe nokuza kuwe ukuze sivuseleleke. Ngalomhla sikuwo, sikhetha wena neendlela zakho, isigqibo esikhokhelela kubomi obugqithiseleyo. (Yohane 10:10)

12. Njengokuba uxinano engqondweni, uloyiko, ukufuna ukuzibulala, nobund-lobongela basemakhayeni buqhubeka ku-lobhubhane, sithandazela ukuba amakhosi-kazi aseSerbia angafikelela kukwazana na-we, wena ongakwazi ukuzisa impiliso emoyeni, uvuyo, uxolo, ne themba ezintli-zyeni zabo. (Yeremiya 29:11)

13. Nkos'uYesu, thetha kwiintliziyo zabantu baseJamani umnqweno wokwabelana ngo-bubele abanako nabantu abangathathi ntweni. Yanga banganikela benze - bekhuthazwa yi Khalenda yomthandazo ye TWR Amanenekazi Ethemba. (Yohane 3:16)

14. Bawo, vuselela oodade bethu eJar-khand eIndiya, uninzi lwabo oluswela ukuthandwa, ubudlelwane, intlonipho kwakunye nentswelo, ukugula nobund-lobongela kwizizalwa ezingamakhoboka otywala. (Indumiso 32:7)

15. Njengokuba abantu befundiswa ngokwenzakaliseka lulwaluko labasetyhini, yanga uMoya wakho ungashukuma, uzise utshintsho kwiziqhelo zezithethe nezasek-uhlaleni ukuphelisa esi senzo esisiphazamisi. (KwabaseKolose 2:8)

16. Bawo, nceda amakhosikazi ase Ukraine abone ubulumko ekukhathaleleni iimpilo zawo, nokubona ooGqirha kwangethuba xa bebona futhi besiva iimpawu zezifo. (AmaKorinte 6:19-20)

17. Bawo, usibizele ukuhlalisana ndawonye njengamakhohla. Sithandazela ukuba ama-khosikazi aseCanada angamaKrestu angahlangu ndawonye ukuthandaza nzulu, ukucinga nzulu ngelizwi lakho nokukhutha-zana bafumane ukufanisekiswa kwabo kuKrestu. (AmaHebere 10:24-25)

18. Nkosi, sikelela abasebenzi bezonyango eRomania ababandakanyekayo kwimpilo yabasetyhini. Bancede ukuba babe novelwano kwiimfuno zabasetyhini ababakhonzayo kwaye banikeze iinkonzo zonyango zezinga eli phezulu. (Jerimiya 30:17)

19. Enkosi, Bawo, ukuba njengokuba silungelelanisa ubomi bethu nobakho, usikhokele usizisele uxolo nempiliso kwimi-mphefumlo yethu. (AmaRoma 12:2)

20. Siza kuwe Yesu, mphilisi wethu, ukuba uchukumise imizimba yamanina amaninzi eIndonesia aphethwe ngumhlaza. Hambisa ezintliziyo zeenkokheli ukubonelela ngokwanda kokuvavanywa komhlaza si-mahla, ngakumbi kwabo bahluphekayo. (Indumiso 30:2)

21. Nkosi, ngamana iqela lethu le-TWR Amanenekazi Ethemba elishumayela ejele eParaguay linganefuthe elihle kwabasetyhini xa bevalelwe, babafundise ukuba nangapha-ya kwezitshixo kukho inkululeko enkulu kuKristu. (Yohane 8:36)

22. Bawo, sancede sime siqinile nawe njengesisekelo esimileyo khon'ukuze sikwazi ukumelana notshintsho kwanemicela mngeni eyenzeka rhoqo ezimpilweni zethu. (AmaKorinte Okuqala 15:58)

23. Bawo, sithandazela abakhathaleli zigu-lane base Uruguay ukuba bakhusele iimpilo zabo, khon'ukuze bakwazi ukuba namandla okukhathalela izigulane, neentsapho zabo. (AmaKorinte Okuqala 9:27)

24. Siyabulela, Bawo, ukuba iHealing Voice izisa ukulumka, imfundiso nolwazi kuma-khosikazi ane Fistula eTopiya. Sithandazela amagqiyazana asematsha abazi Miliyoni ezimbini ezweni lonke aphila nale meko. (Jer. 17:14)

25. Bawo, yanga singanguquzeleli ukukwenzela izinto singahoyi ubudlelwane bethu nawe. Sancede sifumane ukuphumla kuwe sisazi konke ofuna sibe kuko futhi sikwenze kuzakufezekisikiswa kuthi ku-gqibeleleke. (Isaya 46:9-11)

26. Bawo, sinike izimvo zokusebenzisa amakhosi onxulumelwano anamhlanje, nezinye iindlela zokusasaza izicelo zeKhalen-da yomthandazo we TWR Amanenekazi Ethemba ukuze babe baninzi abantu ekuthandazwa nabo, kuthandazelwa impilo ngokomzimba nomoya kwamakhosikazi elizweni lonke. (Eph. 2:10)

27. Kuba amakhosikazi amaninzi aseKorea engahoyi iziqu zawo akhathalele iimpilo zeentsapho zawo kuqala, babonise ukuba ukukhathalela iimpilo zabo kuqala ku-kuthobela kuwe, Bawo. Yanga banga-phendula ngokubonakalisa ngokutya ukutya okuya egazini nendlela esempilweni yokuphila. (1 Timoti 1:7)

28. Sinika udumo kuwe ngabaxhasi ngemithandazo base Telegu e Indiya abalu-lamileyo kubhubhane we COVID-19. Bawo, zisa ukuphila ukupheleleyo kwabo baqhubeka ukugula emzimbeni okanye aba fikelwa luloyiko nentandabuzo ngempilo yabo. (1 Yohane 1:2)

29. Thixo, sicela uzise impilo namandla kwinkokheli zomthandazo we TWR Amane-nekazi Ethemba eLiberia nabalingani babo aboluphalayo. (Isa. 40:31)

30. Thixo, sikhokele sifumane izisombululo zokwenyani kwingxaki enzima yokunqon-gophala kokutya abajamelene nayo abaset-yhini namantombazana angama-493 ezigidi kwiilabathi liphela, uninzi lwabo luhlala kumazwe ajongene nengxabano lendlela. (Yakobi 2:15-17)